CITY OF CAPE TOWN
ISIXEKO SASEKAPA
STAD KAAPSTAD

THINK WATER
CARE A LITTLE. SAVE A LOT.

lingcebiso zokonga amanzi:

Ukuba wonga kakhulu, uhlawula kancinane-kwaye amanzi ahlala emaninzi kumadami ethu **XELELA** abanye abantu malunga noku, kwaye ungene ku-
www.capetown.gov.za/thinkwater
ukuze ufumane ingcaciso ethe vetshe kunye nezikhokelo.

Ukugungxula ithoyilethi nococeko

Gungxula ithoyilethi xa kuyimfuneko kuphela. Kwenze oku ekhaya, emsebenzini, esikolweni, ejimini, ezivenkileni njl njl. Musa ukuyisebenzisa njengomgqomo wenkunkuma.

Faka ibhotile yeglasi kwitanki lamanzi okugungxula ithoyilethi ukucutha amanzi owagungxulayo rhoqo xa ugungxula ukuze ubuninzi ibe ziilitha ezintandathu (ukuba awunayo enye indlela ngaphandle kokusebenzisa amanzi kamasipala).

Gungxula ngamanzi amdaka kuphela (amanzi okuhlamba iimpahla, namanzi obuhlamba ngawo) okanye awemvula, awequla eligrunjiweyo nawasemlanjeni.

Cutha iphepha lasethoyilethi olisebenzisayo ukwenzela ukunciphisa umngcipheko wokubhloka kwemibhobho ehambisa amanzi nelindle yaye ungasebenzisi ithoyilethi njengomgqomo wenkunkuma.

Vala ivalvu elawula ukuhamba kwamanzi ethoyilethi. Ngaloo ndlela uyakuthi wonge amanzi okusela kamasipala.

Sebenzisa ibhlitshi okanye isibulala-intsholongwane ukugcina **ithoyilethi neendawo eziyingqongileyo zicocekile** nokugcina izandla zicocekile ukuze impilo yakho ingachaphazeleki.

Nceda uqaphele: Ukusetyenziswa kwabanye oovimba bamanzi kunemingcipheko yezempilo nococeko ekufuneka uyicwezele. Gcina izandla neendawo zokusebenzela zicocekile kwaye zifakwe isibulula-ntsholongwane. Sukugcina amanzi amdaka ngaphezu kweeyure ezingama-24. Gcina iikhonteyina kwindawo ekhuselekileyo nanjengokuba abantwana besenokutshona kuzo.

Ukuhlamba nococeko lomzimba

Hlamba ixesha elifutshane kwishawa, umana uyivala itephu. Manzisa umzimba wakho. Vala itephu. Simela. Hlamba ngokukhawuleza.

Sukuvula iitephu ixesha elide okanye uzivulele zonke. Sebenzisa ikomityi xa utsheva, uxukuxa, njl njl.

Xa ungahlambi kwishawa? **Hlamba ngesponji.** Sebenzisa amanzi amancinci esinkini, esityeni okanye ekomini ('ivaskomu').

Sebenzisa isanithayiza yokucoca izandla engasebenzisi manzi endaweni yokuhlamba izandla.

Sukuvulela amanzi lo mzuzu ulinde ukuba abe shushu. Ukuba unakho, sebenzisa amanzi abandayo okanye ufudumeze amanzi ze uhlambe ngesponji, uwafudumeze ngeketile okanye estovini.

Qokelela amanzi okuhlamba kangangoko unakho ze uwasebenzisele ukuflasha ithoyilethi. Amanzi asele esebenzile angasetyenziselwa ukunkcenkceshela izityalo nokuhlamba iimoto.

Iimpahla nezitya ezimdaka

Hlamba kuphela oko **unyanzelekileyo ukuba ukuhlambe.**

Linda ube nomthamo ozeleyo wezitya neeempahla phambi kokuba uvulele umatshini wokuhlamba iimpahla nowokuhlamba izitya. Abanye oomatshini bokuhlamba bayakuvumela ukuba usebenzise amanzi okupula kumjikelo olandelayo wokuhlamba iimpahla.

Ukuhlamba iimpahla ngezandla kusebenzisa amanzi amancinci kunalawo asetyenziswa ngoomatshini bokuhlamba iimpahla abaninzi, iingakumbi iimodeli ezindala zoomatshini ezingena-eco cycles.

Sebenzisa isephu encinci ukwenzela ukonga amanzi okupula. **Phinda usebenzise amanzi okupul**a xa uphinda uhlamba xa oko kukwazeka ukwenzeka.

Sebenzisa amanzi obusele uwasebenzise kwenye into ukugungxula iithoyilethi njengento engundoqo.

Imibhobho yamanzi esendlini kwakunye nezixhobo zamanzi

Fakela izixhobo ezilawula ukuhamba kwamanzi kwiitephu zangaphakathi ukucutha izinga lokuphuma kwamanzi ukuze ibe zilitha ezintandathu ngomzuzu, ngokomthetho kamasipala waManzi.

Faka iintloko zeshawa okanye izixhobo ezilawula ukuhamba kwamanzi ukwenzela ukucutha izinga lokuphuma kwamanzi ukuze ibe zilitha ezi-7 ngomzuzu, ngokomthetho kamasipala waManzi.

Hlisa uxinzelelo lwamanzi kwipropati yakho ngokujija ivalvu elawula ukuhamba kwamanzi ukuze iwakhuphe kancinci kunye /okanye ufakele isixhobo esilawula ukuhamba kwamanzi kumbhobho ongundoqo osuka kwimitha yakho.

Fumana ze ulungise iindawo ezivuzayo kwipropati yakho. Ukuvuza kwamanzi kumosha amanzi esiwadinga kakhulu.

Iigadi neendawo eziphandle

Sebenzisa **umtshayelo** kunye **namanzi emvula** ukucoca phandle.

Galela izinto zokutyebisa umhlaba ngaphezulu kumhlaba olima kuwo ukuthintela ukulahleka kwamanzi ngomfutho, umz. ingca echetyiweyo, amagqabi, amaxolo emithi okanye ingca eyomileyo.

Tshintsha ubume beegatha nemibhobho yakho ukuze iqokelele **amanzi emvula iwagalele ematankini.**

Iipuli

Faka into yokugquma ipuli nto leyo ecutha ukulahleka kwamanzi ngomfutho. **Phinda usebenzise amanzi akhutshwa yipuli xa izicoca.**

Khongozela amanzi emvula uwase epulini yakho ukuze uyithe ngawo ngokuthi uncamathisele oopayiphu kwiigatha zakho.

Akuvumelekanga ukusebenzisa amanzi aselwayo kwiipuli, kumachibi okanye kwimifanekiso enamanzi.

Ezinye iindlela eziphambili zokonga amanzi

Cutha usetyenziso lwamanzi kwiindawo zonke oya kuzo – amanzi aselwayo owasebenzisa kwezinye indawo aphuma kula madami, ngoko ke wasebenzise ngobulumko amanzi kwimimandla yaseKapa.

Sebenzisa **amanzi angemaninzanga** ukupheka ukutya, umz. sukusebenzisa amanzi ukunyibilikisa umkhenkce okanye ukuhlamba ukutya.

Beka **ikhonteyina kuzo zonke iisinki, ibhafu neshawa ukuze amanzi ankconkcozele kuzo ze uphinde uwasebenzise.**
Qaphela: amanzi amdaka anamafutha obuhlamba ngawo izitya akanakuphinda asetyenziswe. Iikhonteyina okhongozela ngazo amanzi eshaweni mazibe nkulu ukuze ukwazi ukukhongozela onke amanzi aphuma kuyo – ipheyilanyana elincinci aliqokeleli onke amanzi. Amanzi anzima, sebenzisa iijagi ukuflasha ithoyilethi yakho ngamanzi amdaka.

Khongozela amanzi emvula kangangoko unakho. Wagcine kwiikhonteyina ezivalwayo kwindawo epholileyo. Ungawaseli, ungapheki ngawo yaye ungahlambi ngawo ngokoMthetho kaMasipala waManzi.

Ziintoni ezifunekayo kwingxowa yakho yokonga amanzi

- 'Ivasikomu' mayisetyenziswe kwiishawa nasezibhafini ukuze iqokelele amanzi aphuma kuzo.
- Makusetyenziswe iijagi okanye ibhakethi ukukha amanzi kwi'vaskomu' agalelwe ethoyilethi okanye phandle.
- Iikhonteyina zokukhongozela amanzi aphuma kwiisinki ukuze aphinde asetyenziswe.
- Iblitshi okanye isibululali-zintsholongwane ukugcina ithoyilethi negumbi ekulo licocekile.
- Imibhobho okanye oophayiphu beplastiki ukukhongozela amanzi emvula ukuze asetyenziswe kwiipuli nokuwaqokelela ngamatanki.
- Ilikhwidi yokucoca ukutya ukucoca iziqhamo nemifuno.
- iphepha lethoyilethi elineplayi enye ukunqanda ukubhloka kwemibhobho yogutyulo.
- Isanithayiza engasebenzisi manzi.

Ukuxela imibhobho egqabhukileyo, iimitha ezonakeleyo kunye nokumoshwa kwamanzi:

Tsalela ku: 0860 103 089 • **SMS** 31373 (ubuninzi ziikharektha ezingama-160) • **I-imeyile:** water@capetown.gov.za
Ngena ku- www.capetown.gov.za/servicerequests • **WhatsApp** 063 407 3699